Isifundo 1

**28 Disemba – 3 Januwari*

Ukusuka Ekufundeni Kuye Ekuqondeni

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:
Luka 24:25–27; 2 Pet. 3:11–13; Yona 3:3–10; Num. 14:34; Dan. 9:23; 10:11, 12

Indima Yenkumbulo:
"Wabaleka ke uFilipu, waya kuyo, wayiva ilesa incwadi yomprofeti uIsaya; wathi, Uyaziqonda na kodwa izinto ozilesayo?" (Izenzo 8:30).

Ibandla lethu lizalwe kanye njengoko kufumaneka phakathi kumaphepha encwadi kaDaniyeli, esifunda yona kule kota. Masithi sisaqala, sigcine ezi ngongoma zilandelayo engqondweni njengesicwangciso esisinikiweyo sokusikhokela ekufundeni. Kuqala, kufuneka sisoloko sikhumbula ukuba uKristu ungumongo kaDaniyeli, njengoko anjalo kuyo yonke iBhayibhile.

Okwesibini, uDaniyeli uqulunqwe ngendlela ebonisa ubuhle bokubhala okusinceda ukuba sibe nokuqonda apho ijonge khona. Okwesithathu, sidinga ukuba siwuqonde umahluko phakathi kweziprofeto zembali nezalatha kokuzayo kwesiphelo. Oku kuya kusinceda ukuba sahlule phakathi kweziprofeto zikaDaniyeli nezo zabanye abanjengoIsaya, uAmos, noYeremiya. Okwesine, xa sifunda iziprofeto ezingexesha zikaDaniyeli, kufuneka siqonde ukuba imida yamaxesha eziprofeto zikaDaniyeli iquka amaxesha amade kwaye alolongwa ngomthetho-siseko wosuku olumela unyaka.

Okwesihlanu, siza kuyicinezela into yokuba, incwadi kaDaniyeli ayaneli nje ukuzisa ulwazi ngesiprofeto koko isifanele nathi kakhulu kumava obomi bethu namhlanje.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka 4 Januwari.*

Cawa

29 Disemba

UKristu: Umongo KaDaniyeli

Funda: Luka 24:25–27; Yohane 5:39; no-2 Korinte 1:19, 20. Zezipihi iindlela uKristu angumongo weziBhalo ngazo?

Akukho mathandabuzo ukuba uYesu ungumongo weziBhalo, kwaye oku kuquka noDaniyeli. Ummzekelo: Isahluko 1 sibonisa, nangona ngendlela engaphelelanga nengagqibelelanga, ukuba amava kaDaniyeli ayafana nalawo kaKristu, owashiya izulu waza kuhlala kulo mhlaba unesono wajamelana namagunya obumnyama. Ngaphezu koko, uDaniyeli namaqabane akhe baxhotyiswe ngasentla ngengqondo efana nekaKristu ukuze bajongane nemingeni yenkcubeko yaseBhabheli. Isahluko 2 sichaza umzobo welityе lexesha lokuphela (izinto zokugqibela zomhlaba) ukubonisa ukuba ubukumkani bukaKristu, ekugqibeleni, buza kuthabatha indawo yazo zonke izikumkani zalo mhlaba. Isahluko 3 sityhila uKristu ehamba nabakhonzi baKhe abathembekileyo phakathi kwiziko elivutha umlilo. Isahluko 4 sibonisa uThixo emsusa uNebhukadenetsare kubukumkani bakhe okwexeshana ukuze ukumkani aqonde ukuba “amazulu anegunya” (Dan. 4:26). Intetho ethi”amazulu anegunya” isikhumbuza ukuba uKristu, njengoNyana womNtu” (Dan. 7:13), wamkela ubukumkani ubuhandiba nobukhosi, njengoko kubonisiwe kuDaniyeli 7. Isahluko 5 sibonisa ukufa kukaKumkani Bheleshatsare nokuwela kweBhabheli ezandleni zamaPersi ngobusuku bolonwabo nokurheletya. Oku kubonisa kwangaphambili ukoyiswa kukaSathana nokutshatyalaliswa kweBhabheli yexesha lokuphela nguKristu neengelosi zaKhe. Isahluko 6 sibonisa iyelenqe lokuchasa uDaniyeli ngeendlela ezifana nezityholo zobuxoki awayetyabekwa zona uYesu ngababingeleli abakhulu. Ukudlula apho, njengokumkani uDariyo owazamayo kodwa akaphumelela ukusindisa uDaniyeli, uPilato naye wazama kodwa akaphumelela ukusindisa uYesu (Mat. 27:17–24). Isahluko 7 sizoba uKristu enguNyana womNtu esamkela ubukumkani nolawulo phezu kwabantu baKhe. Isahluko 8 sibonisa uKristu engumbingeleli kwingcwele yasezulwini. Isahluko 9 simzoba uKristu elixhoba lombingelelo elikufa kwalo kuqinisekisa umnqophiso phakathi kukaThixo nabantu baKhe. Izahluko 10-12 zizisa uKristu enguMikayeli, umphathi-mkhosi-oyintloko, olwa nemikhosi yenkohlakalo aze ngokoyisa abahlangule abantu bakaThixo, nakwigunya lokufa. Masikhumbule ke ngoko ukuba uKristu ungumbindi okanye umongo wencwadi kaDaniyeli. Kwisahluko ngasinye sale ncwadi akho amava okanye ingcamango eyalatha kuKristu.

Phakathi kokulwa, iimbandezelo, maxa wambi naphakathi kolonwabo nempumelelo enkulu, singakufunda njani ukumgcina uKristu engumongo wobomi bethu? Kubaluleke ngantoni ukuba sikwenze oko?

Mvulo

30 Disemba

Ukwakhiwa Kwencwadi KaDaniyeli

Ukuhlelwa kwendawo kaDaniyeli ebhalwe ngolwimi iAramaic, izahluko 2-7 (ezinye iindawo zikaDaniyeli zibhalwe ngesiHebhere lo gama ezinye zibhalwe ngesiAramaic), kuveza oku kumila kulandelayo, nokuthi kusincede ukubethelela isigidimi esingumongo waloo ndawo, kunye nowencwadi:

A. Umbono kaNebhukadenetsare wezikumkani ezine (Daniyeli 2)

B. UThixo uhlangula amaqabane kaDaniyeli ezikweni Lomlilo (Daniyeli 3)

C. Ukugwetywa kukaNebhukadenetsare (Daniyeli 4)

C'. Ukugwetywa kukaBheleshatsare (Daniyeli 5)

B'. UThixo uhlangula uDaniyeli emhadini weengonyama (Daniyeli 6)

A'. Umbono kaDaniyeli wezikumkani ezine (Daniyeli 7)

Olu hlobo lokuhlela ekubhaleni lunceda ukugqamisa ingongoma eyintloko ngokuyibeka embindini wesakhiwo, apha ke ongu-C no-C' (Daniyeli 4 no-5): UThixo ususa ubukumkani kuNebhukadenetsare (okwexeshana) nakuBheleshatsare (umphelo). Ngoko ke, ugxininiso lwezahluko 2-7 lusegunyeni likaThixo phezu kookumkani bomhlaba njengoko ebamisela ekwabasusa. Enye yeendlela ezikwazi kakuhle ukuzisa isigidimi nokuyenza icace ingongoma kukuphindaphinda. Umzekelo, uThixo unika uFaro amaphupha amabini ngekusasa elingekude leYiputa (Gen. 41:1–7). Kwiphupha lokuqala, iimazi ezityebileyo ezisixhenxe zidliwa zezibhityileyo ezisixhenxe. Kwiphupha lesibini, izikhwebu ezisixhenxe zengqolowa entle ziginywa sisixhenxe sezingcakacileyo nezitshazileyo. Omabini la maphupha athetha into enye: iminyaka esixhenxe yentlutha iya kulandelwa yesixhenxe yendlala. Kwincwadi kaDaniyeli, uThixo ukwasebenzisa ukuphinda- phinda. Mine imijikelezo yesiprofeto, ekukuphinda-phindwa kwako konke okuthethiweyo. Ekugqibeleni, konke oku kubonisa isiphelo esikukongama kukaThixo. Nangona umjikelezo ngamnye omkhulu wesiprofeto usiza nomba othe qabavu wodwa, xa ihlangene ilithabatha lonke ixesha lembali, ukusuka kwixesha lomprofeti kuse ekupheleni, njengoko lo mzobo ulandelayo ubonisa:

Daniyeli 2	Daniyeli 7	Daniyeli 8, 9	Daniyeli 10–12
Bhabheli	Bhabheli		
Medi-Persi	Medi-Persi	Medi-Persi	Medi-Persi
Grisi	Grisi	Grisi	Grisi
Roma	Roma	Roma	Roma
Kumiselwa ubukumkani bukaThixo	Umgwebo osezulwii okhokelela kuMhlaba omTsha	Ukuhlanjululwa kwengcwele	UMikhayeli uyaphakama ame ngeenyawo

Themba lini elikhulu elinikwa zezi ndima ngesikulindeleyo nangona kubonakala kuthabatha ixesha elide? Dan. 2:44, Nd. 9:7–12, 2 Pet. 3:11–13.

Iziprofeto Ezingesiphelo KuDaniyeli

Imibono yesiprofeto ebhalwe encwadini kaDaniyeli yahlukile ngemo kwizigidimi ezininzi eziziswe ngabaprofeti beTestamente eNdala. Iziprofeto zikaDaniyeli zikudidi lweziprofeto ezingexesha lokuphela, kanti ezininzi kwiTestamente eNdala zikudidi lwembali. Ukuwuqonda umahluko osisiseko phakathi kwezi ndidi zeziprofeto kubalulekile ekuqondeni iziprofeto zeBhayibhile. Iziprofeto ezingexesha lokuphela zibonisa iimpawu ezikhethekileyo ezizahlula kwezi kuthiwa zezembali: Imibono namaphupha. Kwiziprofeto ezingeziganeko zesiphelo uThixo usebenzisa kakhulu amaphupha nemibono ukuzisa isigidimi saKhe kumprofeti. Kwezembali, umprofeti ufumana "ilizwi likaYehova,"-elinokuquka imibono-into ethi ibe neendawana ezahlukileyo kangangamathuba ali-1600 kubaprofeti bezembali. Imifuziselo exutyiweyo. Lo gama kwiziprofeto ezingembali kukho ibathu elingengako noko lemifuziselo, engezinto ezikhoyo ebomini, kwisiprofeto esingezinto zokuphela uThixo ubonisa imifuziselo nemifanekiselo engaphaya kokuqheliweyo ngabantu, njengezilwanyana ezixakileyo okanye izilo ezibi ezinamaphiko neempondo. Ulawulo lwezulu nokungaxhomekeki. Ngokungafaniyo neziprofeto zembali, okuthi ukuzaliseka kwazo kuye kuxhomekeke ekusabeleni kwabantu kumxholo womnqophiso kaThixo noIsrayeli, iziprofeto ezingezinto zokuphela azinakuxhomekeka ntweni. Kwisiprofeto esingezinto zokuphela uThixo utyhila ukuphakama nokuwa kwezikumkani zomhlaba ukususela kwimihla kaDaniyeli kuse ekupheleni kwexesha. Olu hlobo lwesiprofeto luzinze ekwazini kwangaphambili nakulawulo lukaThixo kwaye siya kwenzeka umntu ethanda engathandi.

Funda: Yona 3:3–10. Ingaba esi sisiprofeto sembali okanye sezinto zokuphela? Thethelela impendulo yakho. Uthini ngoDaniyeli 7:6?

Ukwazi ngeendidi zeziprofeto ezinjengezembali nezezinto zokuphela kululuto olukhulu. Kuqala, ezi ndidi zibonisa ukuba uThixo usebenzisa iindlela ezahlukeneyo zokuzisa inyaniso yesiprofeto (Heb. 1:1). Okwesibini, ulwazi olunjalo lusinceda ukuba sibuqonde kakuhle ubuhle nobunzima beBhayibhile. Okwesithathu, olu lwazi lukwasinceda ukuba sizichaze iziprofeto zeBhayibhile ngeendlela ezihambelana nobungqina bayo yonke iBhayibhile okulicacisa ngendlela eyiyo "ilizwi lenyaniso" (2 Tim. 2:15).

Ngokweendawo ezifana noHoseya 3:4, 5; Amos 8:11; noZekariya 9:1; amanye amaKristu namhlanje alindele iziganeko zokugqibela zehlabathi ukuba zibonakale kuMbindi-Mpuma. Yintoni engeyiyo noku kuchaza? Ukwazi umahluko phakathi kweziprofeto zezinto zokuphela nezembali kungasinceda njani ekuwutyhileni lo mcimbi?

Lwesithathu *1 Januwari*

Isilinganiso Sexesha SikaThixo

Enye into ebalulekileyo esidinga ukuyifaka engqondweni xa sifunda incwadi kaDaniyeli kukuzivelela iziprofeto zezinto zokuphela ngakwicala lembali. Le ndlela, eyaziwa ngokuba inobumbali, inokuqondakala ngcono xa ithelekiswa neembono ezilolu hlobo: esa yonke into kwixesha elidlulileyo, esa yonke into kwixesha elizayo, nethi yonke injengoko kuthethwa. Ukusa konke kwixesha elidlulileyo kukholisa ukuzibona iziganeko zesiprofeto ezixelwe kuDaniyeli njengezaya zenzeka kwixesha eladlulayo. Ukusa kwixesha elizayo kubanga ukuthi kwazona ezo ziprofeto zisalindele ukuzaliseka kwixesha elizayo. Ukuthi yonke into injengoko kuthethwa, kwelinye icala, kuthi iziprofeto ezingezinto zokuphela yimifuziselo ngobomi basemoyeni bezinto ezikhoyo zingadibananga nanto ithile eyakha yenzeka ngaphambili. Eyobumbali, ngokungafaniyo, ithi, ngesiprofeto sezinto zokuphela, uThixo utyhila ukulandelelana okungaqhawukiyo kwembali kususela kwixesha lomprofeti kuse ekupheleni kwexesha. Ekufundeni kwethu incwadi kaDaniyeli siza kubona umbono ngamnye omkhulu wencwadi (Daniyeli 2, 7, 8, 11) uphinda-phinda olu cwangcwiso lwexesha uvela kumacala ngamacala uneenkcukacha ezintsha. Oovulindlela baBalindi (bama-Adventist), kuquka uEllen G. White, baziqonda iziprofeto zeBhayibhile zikaDaniyeli nesiTyhilelo ngale ndlela yobumbali.

Funda: Numeri 14:34 noHezekile 4:5, 6. Ngokolwimi lwesiprofeto, "umhla" [okanye "usuku"] ukholisa ukumela ntoni?

Xa sifunda incwadi kaDaniyeli, kufuneka sigcine engqondweni ukuba ixesha lesiprofeto lilinganiswa ngomthetho -siseko womnyaka-ulusuku. Oko kukuthi, usuku esiprofetweni lukholisa ukulingana nomnyaka omnye ngokwexesha elililo lembali. Ngoko ke, umzekelo, isiprofeto sokuhlwa kusisa kangangama-2300 kumelwe ukubonwa njengokubhekisa kuma-2300 eminyaka. (Dan. 8:14). Ngokunjalo, isiprofeto seeveki ezingama- 70 simelwe ukubonwa njengeminyaka engama-490 (Dan. 9:24–27). Esi silinganiso sexesha sibonakala silungile ngezizathu ezimbalwa ezicacileyo: (1) Njengoko imibono enikiweyo iyimifuziselo, namaxesha axeliweyo amele ukuba yimifuziselo. (2) Njengoko iziganeko ezixeliweyo emibonweni zityhileka kumathuba amade exesha, kude kuse "kwixesha lokuphela kwezinye iimeko, ubude bamaxesha obuhambelana nezi ziprofeto kufuneka nawo achazwe ngolo hlobo. (3) Umthetho-siseko womnyaka-lusuku uqinisekiswa yincwadi kaDaniyeli. Umzekelo ocacileyo, ubonakala kwisiprofeto seeveki ezingama-70, esisuka kwimihla kakumkani uArtashashta kuse ekufikeni kukaYesu enguMesiya. Ngoko ke, indlela yokusenza sivakale isiprofeto sexesha samathuba anikwe kuDaniyeli kukuwachaza ngomthetho-siseko somnyaka-lusuku.

Ezinye zezi ziprofeto zexesha zihamba amakhulu eminyaka, kude kuse emawakeni. Imele ukusifundisa ntoni le nto ngomonde okanye ngokunyamezela?

Lwesine *2 Januwari*

Ukuhambelana KukaDaniyeli Nexesha

Nangona wabhalwa ngaphezu kwama-2500 yeminyaka eyadlulayo, incwadi kaDaniyeli ihleli isemxholweni ngendlela emangalisayo kubantu bakaThixo kule nkulungwane yama-21. Siza kuphawula iindawo ezintathu apho uDaniyeli alunge kakhulu kuthi.

UThixo umi ongamile phezu kobomi bethu. Naxa izinto zihamba kakubi, uThixo umi elawula esebenza phakathi kweengcinga zezenzo zabantu ukuba abanike okona kuhle abantwana baKhe. Amava kaDaniyeli eBhabheli afana nakaYosefu eYiputa kunye nakaEstere ePersi. Esi sithathu sabantu abatsha sasinngamakhoboka kumazwe asemzini phantsi kwamagunya awongamileyo eentlanga zabahedeni. Kozijongele nje, babebonakala bengenamandla beshiywe nguThixo. Phofu, uYehova wabomeleza wabasebenzisa ngeendlela ezinamandla. Xa sijongene nezilingo, imbulaleko, nenkcaso, sinokukhangela emva koko uThixo wakwenzela uDaniyeli, uYosefu, noEstere. Singaqiniseka ukuba iNkosi ihleli iyiNkosi yethu, kwaye ayisishiyanga nokuba siphakathi kwezilingo nezihendo. UThixo uyayilawula indlela yembali. Maxa wambi siziva sikhathazekile lihlabathi elididekileyo nelingenanjongo elizele sisono nenkohlakalo. Sona isigidimi sikaDaniyeli sesokuba uThixo uyalawula. Kwisahluko ngasinye sikaDaniyeli, kubethelelwa isigidimi sokuba uThixo uyakukhokela ukuhamba kwembali. Ngokutsho kukaEllen G. White: "Kwiimbali zeziganeko zoluntu ukukhula kwezizwe, ukuphakama nokuwa kwezikumkani, kubonakala kuxhomekeke kwintando namandla omntu. Ukuqulunqwa kweziganeko kungathi, kakhulukazi, kusezandleni zakhe, umntu, kumabhongo, okanye kwisakhono sakhe. Kanti ke, elizwini likaThixo kutyhilwa umdiya-diya, size sibone phaya emva, naphezulu, nakuwo wonke umdlalo nokuhamba nawo okungumdla womntu, namandla neemvakalelo, izenzeleli zaLowo umninzi ngenceba, zisebenza, ngokuzolileyo nangomonde, ukufezekisa amacebo entando yaKhe."—*Education*, p. 173. UThixo unika abantu baKhe isibonelo sexesha lokuphela. UDaniyeli nabahlobo bakhe basisibonelo sobomi bephakathi kwabantu abaneembono ezahluke kakhulu kwezo zeBhayibhile. Xa benyanzelwe ukuba bayekelele ukholo lwabo bavumelane nokuhlela kwamaBhabheli kwiindawo ezithi zikukhanyele ukuzinikela kwabo eNkosini, bahlala bethembekile eliZwini likaThixo. Amava abo okuthembeka nokuzinikela ngokupheleleyo eNkosini kunika inkuthazo xa sijongene nenkcaso kwanentshutshiso ngenxa yeendaba ezilungileyo. Kwangelo xesha linye, uDaniyelli ubonisa ukuba kunokwenzeka ukuba negalelo esizweni nasemphakathini kodwa umntu ahlale ezinikele eNkosini.

Funda: Daniyeli 9:23; Daniyeli 10:11, 12; noMateyu 10:29–31. Yintoni ethethwa zezi ndima ngomdla kaThixo kumadabi omntu ngamnye kuthi?

_____

_____

Ingcamango Eyongeziweyo:

"IBhayibhile yalungiselwa ukuba ibe sisikhokelo kubo bonke abanga bangaqhelana nentando yoMenzi wabo. UThixo unike abantu ilizwi eliqinisekileyo lesiprofeto; iingelosi, noYesu ngokwaKhe, bonke beza kwazisa imicimbi ebalulekileyo ekufuneka yenzekile kungekudala. Loo micimbi ibalulekileyo ijongene nosindiso lwethu ayizange ishiywe ifihlakele. Ayizange ityhilwe ngendlela edida ilahlekise ofuna inyaniso ngokuthembeka. Wathi uYehova kumprofeti uHabhakuki: "Bhala umbono, uwukrole, . . . ukuze abaleke owulesayo." Habhakuki 2:2. Ilizwi likaThixo licacile kubo bonke abalifunda benomthandazo entliziyweni. Wonke umphefumlo onyaniseke ngokwenene, uya kukufumana ukukhanya kwenyaniso. "Ukukhanya likuhlwayelelwe ilungisa." INdumiso 97:11. Alikho ibandla elinokuhambela phambili ngaphandle kokuba amalungu alo ayifune ngenzondelelo inyaniso njengendyebo efihliweyo."—Ellen G. White, Imbambano Enkulu, amaph. 531, 532. "Funda imbali kaDaniyeli namkholwane wakhe. Nangona babephila kwindawo ababekuyo, behlangana nokulingwa ukuba baziyekele kokubi macala onke, bamhlonipha bamzukisa uThixo ngobomi babo bemihla ngemihla. Bazimelela ukubuphepha bonke ububi. Bala ukuzibeka endleleni yotshaba. UThixo wakuvuza ngeentsikelelo ezinkulu ukuma nokuqina ekuthembekeni kwabo." —*Manuscript Releases* [No. 224], vol. 4 (Ellen G. White Estate, 1990), pp. 169, 170.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Xa sifunda incwadi kaDaniyeli, kukho ingongoma enamandla eza kusuka igqame kuthi. UThixo akaneli ukulawula zonke izizwe koko ukwasondele ngokwayame kakhulu kumntu ngamnye kuthi, ngeyona ndlela inzulu kakhulu. Umzekelo, njengoko siza kubona kuDaniyeli 2, wakwazi ukunika iphupha ukumkani ongumhedeni. Ukuze akwazi ukungena engqondweni yomntu ngexesha loo mntu elele, atyale iphupha, oko kubonisa ukusondela esingenako nokukucinga thina. Kwangelo xeshalinye, njengoko siza kubona, imo yephupha ibonisa ukuba uThixo, ekugqibeleni, uyazilawula izikumkani zomhlaba wonke, waye esazi izinto ziya kuphelela phi. Sinokonwaba sibenethemba elingakanani esinokulifumana koku kuxelwe kwangaphambili kwaye kuyinyaniso kuqinisekile? Kwangelo xesha linye, kwenza ukuba uve njani ukwazi ukub iNkosi isondele kakhulu kuwe kangangokuba yazi neengcinga zakho? Kule meko, yintoni eyenza ukuba sibaluleke kangaka isithembiso soMnqamlezo?

2. Eklasini, xoxani ngomahluko phakathi kweziprofeto zamabali nezingezinto zokuphela.Yeyiphi eminye imizekelo yezi ndidi zombini onokuzifumana eBhayibhileni?